# Nalo Igazi ! Lidyob' Umzimba Wake ! !

(Good Friday.)

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto)

Au, Yesu uposise ngantonina
Sabegwetyiwe kungamgwebo mnina
Uwenze amatyala amanina
Ubetwa udeliwe kunganina.

Watwesw' ameva wantutunjelwa
Yarara lonto xa wawutshicelwa
Ndlovu enemigudu Isiza e Afrika
Mpomposani inyembezi magqob'oka.

Nikumbule xa waye sebuhlungwini
Esiwa Etandesa Emyezweni
Nalo ne Zwi selisiti Ubinzwe
Nguye Lowo mboneni Uhlatyiwe.

Nalo negazi lidyob' umzimba Wake
Lityala letu libang' Intlungu Zake
Utando Lwake lupezu kwemb'aliso
Ludlul' ukwazi ndibona ngenyaniso.

Make sibulele kwiroti lo kulwa
Loyisa Intshaba zonke ke zapulwa
Latyumza ukufa nenyoka endala
Ukuze sisinde kwawetu amatyala.

Ngcongolo Etyunyuzwe lu Betelo
Lwezono ku Adam neyake Inzalo
Ngalo matambo alele Ekufeni
Fundisa ngawo Uxolo Emhlabeni.

Namhlanje sikulesesha Emqulwini
Njengemvana Isiya ekuxelweni
Wati cwaka umlomo xa uyayo
Njengegusha kazi kwaba yigugulayo.

Tyumza Inyoka endala u Satane
Abhubhe mntu nesihogo sidane
Namawakawak' abulewe Afrika
Siwabiza kuwe lo mawakawaka.

Wesa ngokutanda Elako Ibandla
Utshizwe ngamanzi nelizwi la 'Mandla'
Nkosi ke yoxolo wasisa Uxolo
Ukuze nengqola ipiwe "Uyolo."

Tyumza Intlondi ezimbi zelilizwe
Ukalipe numliseia wetu Sizwe
Naku site sakufika emlungwini
Sasela nendywala zotixo basemzini.

Tyumza Intlondi ezimbi zelilizwe
Ngokufa Kwako nentshaba zikahlelwe
Ngokuba Uhlile ngotando kwi Zulu
Kwamanyana Ngawe Umhlaba ne Zulu.

Zisulwe Ngawe kwanenyembezi zetu
Lipume Ngawe ne Langa pezu kwetu
Sabelwa kwane Zulu ngegazi le Nkosi
Waqaba kwa ngalo kwanemigubasi.

Taru ! Awu ! !